Ingaba kuza kwenzeka ntoni kum ukuba andilihlawuli ityala lam ngokungenasizathu okanye ndiyayeka ukuhlawula isondlo?

Umyalelo ofanele ukwenziwa luluntu, igunya lokwenza ngokwecandelo 27 lomthetho wesondlo, imivuzo encanyatheliswe ngokwecandelo 28 kwanokuncanyatheliswa kwamatyala angasetyenziswa ngokuchasene nawe.

Issued by the Department of Justice and Constitutional Development
Chief Directorate: Promotion of the Rights of Vulnerable Groups
Private Bag X81, Pretoria, 0001
www.justice.gov.za
2012

isiXhosa

IMIBIZO EBUZWA RHOQO

KHA RI UNDE

ISONDLO

the doj&cd
Department:
Justice and Constitutional Development
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

STAND TOGETHER FOR RIGHTS
Jiyela i Justice

Ngubani ekufanele ahlawule isondlo?

Yimfanelo esemthethweni yabo bobabini abazali bomntwana ngqo, oomawokhulu okanye umgcini womntwana osemthethweni ukuhlawula isondlo.

Ingaba ndingasibanga isondlo koomawokhulu?

Ewe, isondlo singabangwa koomawokhulu ukuba abazali bomntwana ngqo abanakho ukuhlawula isondlo.

Ingaba isondlo ngumthwalo wabazali bomntwana ngqo kuphela?

Akunjalo, nawuphi na umntu othembekileyo ekukhuliseni umntwana o.k.t umgcini osemthethweni, abazali noomawokhulu bomntwana abamkele umntwana njengowabo, ukuba abazali bomntwana ngqo abanazo iindlela zokuhlawula isondlo.

Kungokuba kutheni kufanele uhlawule isondlo?

Kufanele uhlawule isondlo ukulungiselela impilo efanelekileyo kwanengqeqesho yomntwana, ibandakanya ulungiselelo lokutya, izinxibo, indawo yokuhlala, ukhathalelo ngamayeza kunye nemfundo.

Ingaba kunyanzelekile ukuhlawula isondlo?

Ewe, kunyanzelekile usihlawule isondlo.

Ingaba kufanele usifake phi isikhalazo sesondlo?

Kuyo nayiphi na inkundla kamantyi apho umceli na/okanye umntwana ahlala khona.

Ingaba ndingaya nakweyiphi na inkundla kamantyi elizweni ukufaka isondlo?

Ewe, ungaya nakweyiphi na inkundla kamantyi yasekuhlaleni apho wena na/okanye umntwana ahlala khona.

Ingaba kufanele isondlo sihlawulwe kangaphi?

Imali yesondlo fanele ihlawulwe inyanga zonke ngemihla ekugqitywe phezu kwayo ngamacala omabini nanikezwe yinkundla.

Ingaba yimali engakanani ekufanele ihlawulelwe isondlo?

Isambuku ekufanele sihlawulelwe isondlo siza kuchazwa ziimfuno zomntwana naziindlela zemali zabazali.

Ingaba kufanele uyeke ukuhlawula isondlo kwiminyaka emingaphi?

Isondlo fanele sihlawulwe de umntwana abe unako ukuzixhasa ngokunokwakhe.

Ingaba kwenzeka ntoni xa esifa umntu othembekileyo ekuhlawuleni isondlo somntwana?

Imali yesondlo fanele ihlawulwe yonke ngelifa lomntu obhubhileyo ukulungiselela isondlo sexesha elizayo.

Ingaba kwenzeka ntoni ukuba umntwana ufikelela kubudala be-18 kwaye akakakwazi ukuzixhasa ngokunokwakhe?

Intlawulo yesondlo iza kuqhubeka de umntwana azixhase ngokunokwakhe. Kanti ke, intlawulo yesondlo fanele idipozithwe ngqo kwiakhawunti yasebhankini yomntwana.

Ingaba ndingasandisa/sinciphisa isambuku sesondlo emva kokunikelwa komyalelo?

Ewe, ungacela zincitshiswe/zandiswe izambuku, ingakumbi ukuba iimeko zemali zitshintshile.

Ingaba ngawaphi amaxwebhu endiwafunayo ukufaka ibango lesondlo?

Isazisi, isiqinisekiso sokuzalwa somntwana, iingxelo zemali esebhankini zabazali bobabini, uludwe lweendleko zomntwana, uludwe lweendleko zabazali bobabini, njalo njalo.

Ingaba ndingalenza ubango lesondlo xa sihlala kunye notata/umama womntwana?

Ewe, ungalenza ubango lesondlo ukuba omnye umzali akazithathi iimfanelo zokondla umntwana.